Imbongi Ye Sizwe: *Imvo Zabantsundu* (03 December 1918), page1

**Umfi u Jonas Ntsiko**

"Hleze ndibonge ndingabi sabonga,

Hleze ndozele nditabat' umqonga,

Hleze ndilele ndingabi savuka,

Kanti lomini yeyokugoduka." - HADI

Lo mnumzana ogama lingasentla apa lelinye lamayolisa alomhlaba, yenye yamadoda angqondo zipangaleleyo. Ngokuzalwa ungomnye wenzala (famili) ezibaluleyo kwelilizwe ngokulikanyisela. Umfi lo ngokwake yindoda eyafundiswa kakuhle ngabafundisi behlelo lase Tshetshi; kutiwa wade wawezwa wasingiswa kwelama Ngesi, e Canterbury, efundiselwa umgca wezi Bhalo Ezingcwele.

Akuba efikile kweli lizwe, udume kakulu ngegama lokuba ngu "Hadi," engumbhaleli omnandi kunene wepepa le "Mvo," wayimbalasane engenagxa yembongi, ekutiwa yade yake yafumana ibhaso lokuqala ngomnye umnyaka kugqatso lwezibongo olwalwenziwe. Kuke kwavakala mzuzu ukuba kuko amapepa atile abhaliweyo (manuscript) nguye, alungele ukushicilelwa abe yincwadana xa akoyo amalungelo okukwenza oko, - siyazi ukuba asiyiyo mfeketo ke leyo ibhaliweyo siyawaqinisekisa amadoda anezinto ukuba angati ete aseselela, awuncede kakulu umzi ngalongqondo ka Hadi inzulu.

Kwizinto zombuso wase Koloni yase Kapa sike sagxogana kunene; olwake uluvo lutene nca nolwe "Mvo," nangani ebesahluka kuyo kweminye imicimbi, abone ngokukokwake ukubona; ute kananjalo kulo mbuso wo Manyano wanezake injongo mpela, kwaqauka kuhlangana nomhlobo lowo wake "Imvo."

Inqaku elitile kwi "Mvo" yama 22 kweye Dwara (October) lishumayele ukuba lompakati ulele ngandletyana nye, e Gungululu ngase Mtata; kanti kwaelopepa lomhla we 12 kuyo le ye Nkanga (November) liyakushumayela umpanga olusizi wokushiywa kwelilizwe ngulomfo wase Mabheleni ka Ntsiko, nge 3rd November 1918, emva kwetuba elitile ebengasaboni ngamehlo. Ngumfo obesakuti akuvakala, kuke kuqutywe ituba elitile kuxoxwa ngalomibono yake.

Ngalemidana silinga ukubeka ilitye elimhlope edlakeni lake, xa besinako sibe siya bubeka okukulu kunoko:

Wanduluka wasishiya

Way' ekaya ku Mesiya!

Hadi waseluhlangeni

Yolisa lase luhlangeni!

Ubizwe wasabela

Isitsaba wasamkela;

Wayambat' ingub' emhlope,

Walinikw' i Ty' elimhlope.

Besingakundita nati

Besakushiy' ihlabati;

Sihlabel' ingom' omfiko

Sesigwaba ngamapiko.

Elo kambe lelembongi

Hadi waseluhlangeni!

Zikunyusele pezulu

Ezakowenu zezulu.

Siyaluv' upolokohlo

Olubonayo ngamehlo.

Siyayiva lonzwinini,

Niyenzayo ezulwini.

Wemka xa lixoliswayo

Kulemfazwe besinayo;

Wemka xa sigilekayo

Ngumkuhlan’ ongaziwayo.

Sati libiziw’ iciko

UJonas umfo ka Ntsiko;

Libizelw’ ukucebisa

Izinto ziyalungiswa.

Satsho pofu sisalila

Singasebobakulila,

Sitatelw’ igora letu

Satatelw’ imbongi yetu.

Ibong’ ayabi sabonga,

Yozele yatat’ umqonga,

Hole ayab’ ivuke;

Kanti njal’ igodukile.

Hamb’ ugoduke ke Hadi,

Uyishiye lemi hadi,

Kokona wobet’ ihadi,

Kwelo linezona Hadi.

Uzulicing’ elilizwe

Kobo bumnandi belozwe;

Ukumbul’ omka kukuko

Ubaxelele o Koko.

Hamba ndlela-ntle ka bawo!

Uye kwelozwe lizayo.

Sombonga kuny’ u Sombawo, -

Ngovuko lwabafileyo.